



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**2016**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: liyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-5.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

**QAPHELA:** Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80

ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390 kwisincoko ngasinye.

- 1.1 Ndinamaxesha okuba ndithandabuze ukuba ngenene ungumzali wam. [50]
- 1.2 Iqondo lendlala linyuka umhla nezolo. [50]
- 1.3 Ukuzalwa wedwa. [50]
- 1.4 Isala kutyelwa sibona ngolophu. [50]
- 1.5 Imfundo yasimahla kumaziko emfundo ephakamileyo. [50]
- 1.6 Xa ndinokuba nguMphathiswa wezoKhuseleko. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi google images waza wahlelwa.]

[50]

1.7.2



**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta yombulelo.

**[25]****2.2 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela uMphathiswa weSebe loPhuhliso loluNtu, ucele ukuba kwakhiwe iziko loluleko zimilo zolutsha olusebenzisa iziyobisi kwingingqi yakho.

**[25]****2.3 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomngcwabo womntu omaziyo.

**[25]****2.4 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso yebhunga labafundi.

**[25]****2.5 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba unika iingcebiso zokulungiselela iimviwo.

**[25]****2.6 INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho esesikweni ekhuthaza uluntu ngolondolozo lwamanzi.

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**